Isifundo 5

**Julayi 25–31*

Ukungqina Okuqhutywa NguMoya

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Yohane 15:26, 27; IZenzo 2:41, 42; IZenzo 8:4; Heb. 4:12; IZenzo 17:33, 34; IZenzo 18:8.

Indima Yenkumbulo:
"Bakubon' ukuba bakhungile, yazanya- zanyiswa indawo ababehlanganisene kuyo, bazaliswa bonke nguMoya Oyingcwele, balithetha ilizwi likaThixo ngokungafihlisiyo" (IZenzo 4:31).

Ukuyalela kukaYesu amakholwa okuqala esithi, "Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nizivakalise iindaba ezilungileyo" unokuba wabonakala ingumsebenzi ongenako ukwenzeka (Marko 16:15). Babengawuveza njani umngeni omkhulu kangako? Amanani abo ayemancinane. Izixhobo zabo zazinqongophele. Ubukhulu becala babengafundanga beliqaqobana lamakholwa nje. Phofu babe noThixo ongaqhelekanga owayeza kubanika amandla ukuba benze umsebenzi ongaqhelekanga abawuthunyiweyo. UYesu wayethe, "Niya kwamkela ke amandla, akubon' ukuba uMoya Oyingcwele uhlile phezu kwenu; nibe ngamangqina am eYerusalem, kwanakulo lonke elakwaYuda nelaseSamariya, kude kuse nasekupheleni komhlaba" (IZenzo 1:8). Ukunika amandla kukaMoya Oyingcwele kwakuza kubenza bakwazi ukuvakalisa isigidimi somnqamlezo ngamandla aguqula ubomi, aguqula nomhlaba. UMoya Oyingcwele wakwenza ukungqina kwabo kwanempumelelo. Ngamashumi nje ambalwa, ivangeli yenza umahluko kumhlaba wonke. Incwadi IZenzo ixela ukuba la makholwa okuqala ngabantu "[a]baliqungaqungileyo elimiweyo" (IZenzo 17:6). Umpostile uPawulos wongeza ngelithi ziindaba ezilungileyo "[e]zashunyayelwayo kwindalo yonke ephantsi kwezulu" (Kol. 1:23). Kwisifundo sale veki, siza kuqwalasela ngokukodwa kwindawo kaMoya Oyingcwele ekunikeni amandla ukungqina kwethu ngenxa kaKristu.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 1.*

UYesu Nesithembiso SikaMoya Oyingcwele

Ngesithembiso sikaMoya Oyingcwele, uYesu wahlangabezana nokuhlupheka kwabafundi ngokuba eza kubashiya abuyele ezulwini. "Kunilungele ukuba ndimke; kuba ndingemkanga, uMthetheleli akayi kuza kuni; ke, ndithe ndemka, ndiya kumthumela kuni" (Yohane 16:7). Igama lesiGrike lika"mncedi" nguparakletos. Libhekisa kumntu "ohamba kunye [nomnye]" ngenjongo yokumnceda. Omnye wemisebenzi ephambili kaMoya Oyingcwele kukuhamba ecaleni kwawo onke amakholwa ukuwanika amandla nokuwakhokela emsebenzini wokungqina. Xa singqina ngoYesu, asisedwa. UMoya Oyingcwele usecaleni kwethu ukuba asikhokelele kwabo bafunayo bantliziyo zinyanisekileyo. Ulungisa iintliziyo zabo kwaphambi kokuba sihlangane nabo. Uyawakhokela amazwi ethu, azise ukoyisakala kwiingqondo ezifunayo, azomeleze ukuba zisabele xa ebaqhuba [uMoya]. .

Funda: Yohane 15:26, 27 noYohane 16:8. Zisixelela ntoni ezi ndima ngendawo kaMoya Oyingcwele ekungqineni?

UMoya Oyingcwele ungqinela okanye ungqina ngoYesu. Owona mgomo ophambili kukukhokelela abantu abaninzi kangangoko kuYesu. Kule ndawo, woyisela onke amakholwa kumthwalo wawo wokungqina. Uvula amehlo ethu ukuba sibone okunokwenzeka ebantwini abasingqongileyo asebenze ngaphaya komdiyadiya ukudala ukwamkeleka kwesigidimi seendaba ezilungileyo. IVangeli kaYohane ikuxela oku ngokucacacileyo. "Uya kulohlwaya ihlabathi lidane ngenxa yesono" (Yohane 16:8). Ngamanye amazwi, usebenza ezintliziyweni ukuzisa uluvo lokuya kuba nzulu komsantsa wokumka kuThixo kunye nokudingeka kwenguquko. Ukwalohlwaya ihlabathi "ngobulungisa." UMoya Oyingcwele akaneli kutyhila isono kuphela, uyasifundisa ngobulungisa. Utyhila ukugqibelela kobulungisa bukaYesu xa buthelekiswa nokungcola kwethu. Indawo kaMoya Oyingcwele ayiphelelanga ekwalatheni ukuba sibabi kangakanani; ikwakukutyhila indlela alunge, anobubele, anemfesane, nathanda ngayo uYesu aze asibumbe sibe ngumfanekiselo waKhe. Ukungqina kukusebenzisana nje noMoya Oyingcwele ukuzukisa uYesu. Ngamandla kaMoya naphantsi kwenkokelo yaKhe, singqina ngalo Krisu umangalisayo oguqule ubomi bethu.

Kulangazelelo lwethu lokusebenzela imiphefumlo, kutheni le nto kufuneka sisoloko sikhumbula ukuba thina ngokwethu asinako ukuguqula, kodwa kuphela nguMoya Oyingcwele onako?

Ibandla Elinikwe Amandla

Incwadi yeIZenzo ibizwe ngokufaneleyo, "IZenzo zikaMoya Oyingcwele." Liphulo elivuyisayo ekungqineni, ekuvakaliseni iindaba ezilungileyo, nokukhula kwebandla. IZenzo libali lamakholwa azinikeleyo, azaliswe nguMoya Oyingcwele, anempembelelo emhlabeni ngenxa kaKristu. Ayexhomekeke ngokupheleleyo kuMoya Oyingcwele ukuba abe neziphumo ezingummangaliso. Okwawo ngumzekelo wento enokwenziwa ngokusebenza kwamadoda nabafazi abazinikele ngokupheleleyo kuYe.

Funda: IZenzo 2:41, 42; IZenzo 4:4, 31; IZenzo 5:14, 42; IZenzo 6:7; neIZenzo 16:5. Yintoni etsala umdla wakho kakhulu ngezi ndawo? Sithini isigidimi uLuka, umbhali weIZenzo, anga angabelana ngaso ngokubhala ngokukhula okukhawuleze kangako?

Injongo kaLuka ekubhaleni incwadi yeIZenzo kukwabelana nomfundi ngamnye ngolungiselelo lukaMoya Oyingcwele ebandleni lokuqala. Qaphela, kwakhona, ukuba akaphazami ukusebenzisa amanani ukulinganisa ukusebenza kukaMoya Oyingcwele ngenkulungwane yokuqala. Kungoko wayebala ababebhaptizwa. Kwi-IZenzo 2:41, ubabaza ukuba ama-3,000 abhaptizwa ngemini enye kwindawo enye. Kwi-IZenzo 4:4, uthetha ngama-5,000 abantu ababhaptizwayo. Kwi-IZenzo 5:14, izihlwele ziza eNkosini zibhaptizwe.

Nokuba ngumntu omnye njengoLidiya, umgcini-mabanjwa eFilipi, intwazana elikhoboka enedemon, okanye ithenwa laseTiyopiya, uLuka uyakuqaphela akubhale ukusebenza kukaMoya Oyingcwele ezintliziyweni zaba bantu. Indawo ebalulekileyo apha yile yokuba, ngaphaya kwenani ngalinye elikhulu labantu, elowo nalowo ungumntwana kaThixo owafelwa nguYesu Kristu. Kunjalo, siyawathanda amanani amakhulu, kodwa ekugqibeleni, ukungqina kusoloko kungumzamo womntu ojongene nomnye. Ukukhuthaza ukukhula okukhawulezileyo kwebandla leTestamene eNtsha, kwatyalwa amabandla amatsha. Esinye sezizathu sokukhula kwebandla lokuqala ngokukhawuleza okukhulu kungenxa yokuba ibandla lalithe rhoqo lihlaziywa ngokutyalwa kwamabandla amatsha. Isigidimi esibaluleke kangako kuthi namhlanje!

Ingqwalaselo ephambili yebandla leTestamente eNtsha yayikuvangelo. Singaqinisekisa njani ukuba, embindini wako konke esikwenzayo ebandleni lokuhlala, uvangelo lusoloko lusembindini [lungumongo]?

UMoya Oyingcwele Nokungqina

Kuyo yonke incwadi yeIZenzo, uMoya Oyingcwele wayekho ngamandla. Walungiselela kuwo nangawo amakholwa ngexesha engqina ngenxa yeNkosi yawo ngeendlela ezahlukeneyo. Wayewomeleza ukuba ajongane nezilingo nemingeni yokungqina kwinkcubeko ekhohlakeleyo. Wawakhokelela kubazingeli benyaniso abantliziyo zinyanisekileyo. Wazilungisa iintliziyo zabantu kwizixeko ziphelele ngaphambi kokuba amakholwa afike kwezo zixeko. Wazivula iingcango kumathuba angazange [amakholwa] aphuphe nokuphupha ngawo waza wanika amandla amazwi nezenzo zawo.

Funda: IZenzo 7:55; IZenzo 8:29; IZenzo 11:15; IZenzo 15:28, 29; neIZenzo 16:6–10. Walungiselela njani uMoya Oyingcwele kubafundi ababengqina kumava ngamanye adweliswe kwezi ndima zeBhayibhile? Ngamanye amazwi, zeziphi ezinye zezinto ezahlukeneyo awazenzayo uMoya Oyingcwele kwezi meko?

Ulungiselelo olwahlukahlukeneyo lukaMoya Oyingcwele kwinkulungwane yokuqala lwalumangalisa ngokwenene. Amava alapha ngentla yintwana nje yokusebenza kwaKhe. Womeleza uStefano ukuba angqine ngeNkosi yakhe phambi kwesixuku esikrwada nesingalawulekiyo simxuluba ngamatye ukuba afe. Wakhokelela uFilipu ngendlela emangalisayo kumTiyopiya onempembelelo owayefuna inyaniso ukuba enze izwekazi laseAfrika lilungele ivangeli. Wanika uPetros umqondiso wokuqinisekisa xa amakholwa eNtlanga nawo esamkela isipho sikaMoya Oyingcwele. Wahlanganisa ibandla kubunye ngexesha lalinokuqhekeka lula ngenxa yomba wolwaluko, waza walivulela lonke izwekazi laseYurophu ekushunyayelweni kweendaba ezilungileyo ngumpostile uPawulos.

UMoya Oyingcwele wayesebenza kwibandla leTestamente eNtsha kwaye uyasebenza ebomini bebandla namhlanje. Unga angasinika amandla, asomeleze, asifundise, asikhokele, asimanye, aze asithume ukuba sihambe siye kumsebenzi obalulekileyo esithunywe wona ehlabathini, wokukhokelela amadoda neentokazi kuYesu nenyaniso yaKhe. Eyona nto, ekufuneka siyikhumbule yeyokuba usasebenza esebenza nanamhlanje, kanye njengoko wayenjalo ngexesha labapostile nebandla lokuqala.

Yintoni esingayenza imihla ngemihla ukuze sikulungele nokuba sifikeleleke kumandla kaMoya Oyingcwele ebomini bethu? Kokuphi ukukhetha okulungileyo okunokumenza ukuba asebenze ngaphakathi kwethu nangathi?

UMoya Oyingcwele, iLizwi, NokuNgqina

ILizwi likaThixo lalikho kuyo yonke intliziyo yengqina kwibandla leTestamente entsha. Intshumayelo kaPetros ngemini yePentekoste yatsala kakhulu kwiTestamente eNdala ukubonisa ukuba uKristu wayenguMesiya. Ubungqina bukaStefano ofayo bayihlaziya imbali kaIsrayeli ekwiTestamente eNdala. UPetros wabhekisa "[kwi]lizwi elo walithumelayo koonyana bakaIsrayeli" (IZenzo 10:36), waza wabelana noKorneli ngebali loVuko. Umpostile uPawulos waphinda waphinda-phinda ukuya kwiziprofeto zeTestamente eNdala ezingokufika kukaMesiya, waza uFilipu ngocoselelo wachaza kowaseTiyopiya owayephengulula ngokubaluleka kweziprofeto ezingoMesiya kuIsaya 53. Kwisiganeko ngasinye, abafundi bavakalisa iLizwi likaThixo, ingelilo elabo. ILizwi eliphefumlelwe nguMoya lalisisiseko segunya labo.

Funda: IZenzo 4:4, 31; IZenzo 8:4; IZenzo 13:48, 49; IZenzo 17:2; IZenzo 18:24, 25. Zisifundisa ntoni ezi ndawo ngolwalamano phakathi kukaMoya Oyingcwele, iLizwi likaThixo, kunye nobungqina bebandla leTestamente eNtsha?

Kwawona uMoya Oyingcwele owaphefumlela iLizwi likaThixo, usebenza ngeLizwi ukuguqula ubomi. Kukho amandla anika ubomi eLizwini likaThixo kuba, ngoMoya, liliLizwi eliphilayo likaKristu.

Funda: 2 Petros 1:21 noHebhere 4:12. Kutheni le nto iLizwi likaThixo linamandla amangaka ekuguquleni ubomi [babantu]?

"Amandla okudala awathetha kwakho amazwe aselizwini likaThixo. Eli lizwi liyawanika amandla; lizala ubomi. Wonke umyalelo usisithembiso, esithi xa sivunyiwe ngengqondo, samkelelwa emphefumlweni, size siphethe ubomi baLowo ungenasiphelo. Liyayiguqula imvelo lidale ngokutsha umphefumlo ngokomfanekiselo kaThixo."—Ellen G. White, *Education,* p. 126. Isizathu sokuba iBhayibhile ibe namandla amangaka ukuguqula ubomi kungokuba kwayena uMoya Oyingcwele owaphefumlela iBhayibhile kuqala uyasiphefumlela asiguqule xa silifunda. Xa ke sisabelana ngeLizwi likaThixo nabanye, uMoya Oyingcwele usebenza ukuguqula ubomi babo ngeLizwi awaliphefumlelayo. UThixo uthembise ukulisikelela iLizwi laKhe, hayi amagama esiwathethayo. Amandla aseLizwini likaThixo, hayi ekucikozeni komntu.

Amandla KaMoya Oyingcwele

Ukuyifunda ngononophelo incwadi yeIZenzo kuveza uThixo ngoMoya waKhe esebenza imimangaliso ebomini babantu. IZenzo yimeko efundwayo yokoyiswa kweeyantlukwano zenkcubeko, ukuguqulwa kwemikhwa emidala neyondele ngokunzulu, nokufundisa lonke uluntu ngobabalo nenyaniso kaKristu. UMoya Oyingcwele uhlangana nabantu kwindawo abakuzo, kodwa ababashiyi apho. Kubukho baKhe, bayaguquka. Ubomi babo buyatshintsha.

Funda: IZenzo 16:11–15, 23–34; IZenzo 17:33, 34; neIZenzo 18:8. La ngamabali nje ambalwa enguquko eBhayibhileni. Zisifundisa ntoni iingxelo ezahlukeneyo ngamandla kaThixo aguqula ubomi bazo zonke iindidi zabantu abakhule ngeendlela ezahlukeneyo?

Iintlobo ngeentlobo ezimangalisayo zabantu! ULidiya wayengusomashishini womYuda ophum' izandla, umgcini-mabanjwa waseFilipi wayesisicaka sikarhulumente waseRoma esikudidi lwezityebi. UMoya Oyingcwele unako ukufikelela kuzo zonke iindidi zasekuhlaleni. Amandla aKhe okuguqula afikelela kumadoda nabafazi, izityebi namahlwempu, abafundileyo nabangafundanga. Iindidi ezimbini zokugqibela kolu luhlu lwethu nazo zibaluleke ngokulinganayo. IZenzo 17:34 zibhekisa ekuguqukeni kukaDiyonisiyo waseAreyopago. Ama-Areyopago aseAthene ayeyinxenye yequmrhu labagwebi basemthethweni abavavanya amatyala ezinkundleni. Babe ngamalungu agqamileyo, anikwa imbeko kakhulu kumaGrike.

Ngamandla kaMoya Oyingcwele, ulungiselelo lukampostile uPawulos lwafikelela nakumanqwanqwa aphezulu asekuhlaleni. UKrispo (IZenzo 18:8) wayengumphathi wendlu yesikhungu yamaYuda. Wayeyinkokeli ekholwayo ekekelele kwingcinga yobuYuda kwiTestamente eNdala, waza uMoya Oyingcwele wagqobhoza apho wabuguqula ubomi bakhe. Iimbali zezi meko ziveza ukuba, xa singqina ngoKristu sisabelana ngeLizwi likaThixo nabanye, uMoya Oyingcwele uya kwenza izinto ezibukekayo ebomini bazo zonke iindidi zabantu bazo zonke iintlobo zemvelaphi, iinkcubeko, imfundo, neenkolo. Asikwazi kwaye akufuneki sibe nobuganga bokuthi ngubani onako okanye ongenako ukufikelelwa. Umsebenzi wethu kukungqina kuye nawuphi umntu othe wasondezwa ebomini bethu. INkosi iza kwenza konke okunye.

Ukufa kukaKristu yayikokwezwe lonke; oko kukuthi, kwakukokomntu wonke, ophilayo. Imele ukusifundisa ntoni le nyaniso ibalulekileyo ngendlela ekungafuneki ngayo ukuba size sibe nobuganga bokuthi kukho umntu ongaphandle kwethemba lokusindiswa?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Isipho SikaMoya," amaph. 47–56, kwi-IZenzo Zabapostile; "Intliziyo Yenu Mayingakhathazeki," amaph. 667–672, ku-Ulangazelelo Lwamaphakade. UMoya Oyingcwele usebenzisana noBawo noNyana kwinkqubo yokuhlangula. Kuzo zonke izenzo zethu zokungqina, sihlangana kunye naYe emsebenzini waKhe wokusindisa abantu. Ubamba iintliziyo. Uvula iingcango zamathuba. ngeLizwi laKhe, ukhanyisela iingqondo atyhile inyaniso. Uqhawula iimbophelelo zentiyo esikhobokisayo, ugunya ngaphaya kweenkcuku zenkcubeko ezisitha umbono wethu wenyaniso, aze asihlangule kumatyathanga emikhwa yobubi esikhonkxileyo. Njengoko singqina ngoYesu, kubalulekile ukukhumbula ukuba sisebenzisana noMoya Oyingcwele. Ukho ngaphambi kwethu, elungisa iintliziyo ukuba zisamkele isigidimi seendaba ezilungileyo. Ulapho kunye nathi, esebenza ezingqodnweni lo gama thina sixakeke kukwenza ububele, sithetha ngobungqina bethu, siqhuba izifundo zeBhayibhile, sisasaza iincwadana eziqulathe inyaniso, okanye sisenza imvuselelo. Uza kuqhubeka esebenza entliziyweni yomntu nasemva kokuba simkile, esenza konke anakho ukukhokelela umntu lowo ekwazini ngosindiso.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Xelela amalungu eqela lakho leSikolo seSabatha ngamava okuva kwakho uMoya Oyingcwele esebenza ngamandla ngokungqina kwakho.

2. Wakha waziva unedyudyu okanye usoyika ngokuthetha ngenkolo yakho [okanye ukholo lwakho]? Ingaba ukwazi ngolungiselelo lukaMoya Oyingcwele kuluthothisa njani olo loyiko kukunike ingqiniseko ngexesha ungqina?

3. Kwisifundo sale veki, sithethe ngoku "sebenza" kukaMoya Oyingcwele ekungqineni kwethu. Xoxani ngezinye zeendlela ezahlukeneyo athi asebenze ngazo kunye nathi uMoya Oyingcwele kwimizamo yokungqina kwethu. Usixhobisa njani umoya Oyingcwele ukuba singqine sisebenze ebomini babanye xa singqina?

4. Isifundo sithethe ngokuba sembindini kweBhayibhile ekungqineni. Kutheni le nto iBhayibhile isisixhobo esibalulekileyo sokholo lwethu nokungqina kwethu? Singayiphepha njani imigibe yabo bathi, nangona besithi bayakholelwa eBhayibhileni, kodwa ngandlela ithile erhubuluzayo, balijongele phantsi igunya layo nokungqina kwayo?